

# IMathematika

## Mathematics


2

Ikota 1 | Term 1

$$3 + 2 + 5 = 10$$

$$4 + 6 = 10$$

$$10 + 10 = 20$$





Ikota 1 | Term 1

# IMathematika

## Mathematics

**INcwadi Yomfundi Yomsebenzi**  
Learner Activity Book

IsiXhosa | English

Le ncwadi sisiqhamo sentsebenziswano phakathi kweqela elibizwa ngokuba yi*Bala Wande-Magic Classroom Collective team* kunge neqela lokuqinisekisa elenziwe ngabantu-ngabantu abakwiiyunivesithi eziliqela ezahlukeneyo, imibutho engalawulwa ngurhulumente (NGOs) esebenza ngemathematika kwakunye neSebe leMfundu esiSiseko. Ezi zixhobo zokufunda zithathela kwiincwadi zemisebenzi eziqulunqwe liSebe leMfundu esiSiseko nakuphindaphindo Iwezicwangciso zezfundo (GPLMS, Jika iMfundu, NECT neTMU). libhokisi zezixhobo zokusebenza ngobuchule ze*Bala Wande* zayilwa ngokucebisana nabakwaJade Education. Ezi bhokisi zinezixhobo zodidi oluphezulu eziyinxalenye ebalulekileyo yenqubo yokufundisa nokufunda.

The development of this workbook was carried out by the collaborative *Bala Wande-Magic Classroom Collective team* in consultation with a reference team made up of individuals from several universities, mathematics NGOs and the Department of Basic Education. These materials draw on the DBE workbooks and existing iterations of lesson plans (GPLMS, Jika iMfundu, NECT and TMU). The *Bala Wande* manipulative boxes were designed in consultation with Jade Education. The boxes provide high quality materials which are an integral part of the teaching and learning programme.

Artists: Mary-Anne Hampton and Angie Bowring

[www.fundawande.org](http://www.fundawande.org)

ISBN: 978-1-991225-50-4

Version 3.0: 2025



Anyone is free to **share** (copy and redistribute the material in any medium or format) or **adapt** (remix, transform and build on the material for any purpose), provided that you credit the work as follows:  
*Bala Wande, IMathematika INcwadi Yomfundi Yomsebenzi, IBanga 2, Ikota 1, CC BY 4.0.*

You may not add terms or measures that legally restrict others from doing anything the licence permits.

For more information: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

# ISIQLATHO

# CONTENTS

<b>IVEKI 1 • UHLAZIYO WEEK 1 • REVISION</b>	<b>2</b>
USUKU 1 • DAY 1 <b>Ukuboniswa kwamanani</b> Representation of numbers	2
USUKU 2 • DAY 2 <b>Imigcamanani</b> Number lines	4
USUKU 3 • DAY 3 <b>Ukusuka kwelona lincinci uye kwelona likhulu</b> Smallest to biggest	6
USUKU 4 • DAY 4 <b>Isiqingatha</b> Half	8
USUKU 5 • DAY 5 <b>Uqukaniso</b> Consolidation	10
<b>IVEKI 2 • UKUBALA NGEZI-2, NGEZI-3, NGEZI-4 NANGEZI-5</b>	
<b>WEEK 2 • COUNTING IN 2s, 3s, 4s AND 5s</b>	<b>12</b>
USUKU 1 • DAY 1 <b>Phinda kabini</b> Double	12
USUKU 2 • DAY 2 <b>Ukubala ngezi-3</b> Counting in 3s	14
USUKU 3 • DAY 3 <b>Ukubala ngezi-4</b> Counting in 4s	16
USUKU 4 • DAY 4 <b>Ukubala ngezi-5</b> Counting in 5s	18
USUKU 5 • DAY 5 <b>Uqukaniso</b> Consolidation	20
<b>IVEKI 3 • UKUCAZULULA IZI-6, IZI-7, IZI-8 NEZI-9</b>	
<b>WEEK 3 • BREAKING DOWN 6s, 7s, 8s AND 9s</b>	<b>22</b>
USUKU 1 • DAY 1 <b>Ukucazulula isi-6</b> Breaking down 6	22
USUKU 2 • DAY 2 <b>Ukucazulula isi-7</b> Breaking down 7	24
USUKU 3 • DAY 3 <b>Ukucazulula isi-8</b> Breaking down 8	26
USUKU 4 • DAY 4 <b>Ukucazulula i-9</b> Breaking down 9	28
USUKU 5 • DAY 5 <b>Uqukaniso</b> Consolidation	30
<b>IVEKI 4 • UKUFIKELELA KWI-10 WEEK 4 • GETTING TO 10</b>	<b>32</b>
USUKU 1 • DAY 1 <b>Ukucazulula i-10</b> Breaking down 10	32
USUKU 2 • DAY 2 <b>Fumana ama-10</b> Find the 10s	34
USUKU 3 • DAY 3 <b>I-10 elilandelayo</b> Next 10	36
USUKU 4 • DAY 4 <b>I-10 elidlulileyo</b> Previous 10	38
USUKU 5 • DAY 5 <b>Uqukaniso</b> Consolidation	40
<b>IVEKI 5 • UKUTYELELA I-10 WEEK 5 • VISITING THE 10</b>	<b>42</b>
USUKU 1 • DAY 1 <b>Yenza i-10 (ukudibanisa)</b> Make a 10 (addition)	42
USUKU 2 • DAY 2 <b>Tsibela phambili ukuya kwi-10</b> Jump forwards to 10	44
USUKU 3 • DAY 3 <b>Ukuya kwi-10 (ukuthabatha)</b> Get to 10 (subtraction)	46
USUKU 4 • DAY 4 <b>Tsiba ubuye umva ukuya kwi-10</b> Jump backwards to 10	48
USUKU 5 • DAY 5 <b>Uqukaniso</b> Consolidation	50
<b>IVEKI 6 • UBUDE WEEK 6 • LENGTH</b>	<b>52</b>
USUKU 1 • DAY 1 <b>Ubude</b> Length	52
USUKU 2 • DAY 2 <b>Ukulinganisela ubude</b> Measuring length	54
USUKU 3 • DAY 3 <b>Ukulinganisela ubude</b> Measuring length	56
USUKU 4 • DAY 4 <b>limitha neesentimitha</b> Metres and centimetres	58
USUKU 5 • DAY 5 <b>Uqukaniso</b> Consolidation	60

<b>IVEKI 7 • INDAWO NEEMILO WEEK 7 • SHAPE AND SPACE</b>	<b>62</b>
USUKU 1 • DAY 1 Izinto ezikhoyo ezinemilinganiselo emi-3 3-D objects	62
USUKU 2 • DAY 2 Izinto ezikhoyo ezinemilinganiselo emi-3 3-D objects	64
USUKU 3 • DAY 3 Ukwakha ngezinto ezinemilinganiselo emi-3 Building with 3-D objects	66
USUKU 4 • DAY 4 Indawo Position	68
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	70
<b>IVEKI 8 • UKUPHINDA KABINI NESIQINGATHA WEEK 8 • DOUBLE AND HALF</b>	<b>72</b>
USUKU 1 • DAY 1 Ukuphinda kabini kwenza amaqela alinganayo amabini Double is two equal groups	72
USUKU 2 • DAY 2 Ukuphinda kabini amanani amakhulu Doubling bigger numbers	74
USUKU 3 • DAY 3 Ukwahlula kubini Halving	76
USUKU 4 • DAY 4 Ukwahlula kubini okunentsalela Half with a remainder	78
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	80
<b>IVEKI 9 • UPHINDAPHINDO LUMALUNGA NAMAQELA ALINGANAYO</b>	
<b>WEEK 9 • MULTIPLICATION IS ABOUT EQUAL GROUPS</b>	<b>82</b>
USUKU 1 • DAY 1 Ukuphindaphinda ngo-2 Multiplying by 2	82
USUKU 2 • DAY 2 Ukuphindaphinda ngo-10 Multiplying by 10	84
USUKU 3 • DAY 3 Ukuphindaphinda ngo-5 Multiplying by 5	86
USUKU 4 • DAY 4 Ukusombulula iingxaki zemali Solving money problems	88
USUKU 5 • DAY 5 Uqukaniso Consolidation	90
<b>IVEKI 10 • UHLAZIYO WEEK 10 • REVISION</b>	<b>92</b>
USUKU 1 • DAY 1 Ukudibanisa nokuthabatha Addition and subtraction	92
USUKU 2 • DAY 2 Ukucwangcisa amanani nokwahlu kubini Ordering numbers and halving	94
USUKU 3 • DAY 3 Ukudibanisa nokuthabatha Addition and subtraction	96
USUKU 4 • DAY 4 Ukuphinda kabini nokuphindaphinda ngo-2 Doubling and multiplying by 2	98
USUKU 5 • DAY 5 Phindaphinda ngesi-5 nange-10 Multiply by 5 and 10	100
<b>IZIXHOBO ZOKUFUNDA RESOURCES</b>	<b>103</b>



## Ukusebenzisa incwadi yemisebenzi yabafundi yeBala Wande

Le ncwadi yemisebenzi yabafundi inemisebenzi elungiselelwe iintsuku ezingama-50 zokufundisa kwikota yoku-1. Kukho imisebenzi yophuhliso lwengqiqo, imisebenzi yomfundu ngamnye kwakunye nemidlalo qpho abafundi bayo kudlala ngababini okanye ngokwamaqela. Impendulo zale misebenzi zingabhalwa kwakule ncwadi.


Imisebenzi ekule ncwadi ibhalwe ngeelwimi ezimbini. Siyathemba ukuba ukusebenzisa iilwimi ezimbini kuya kubanceda abafundi bafunde baze bawaqhele amagama emathematika ngolwimi lwabo lwasekhaya nangesiNgesi. Ukwenza njalo kuya kubaxhobisa bakulungele ukufunda imathematika ubomi babo bonke.

Ukuba abafundi bathi gqolo ukwenza imisebenzi yabo yonke imihla ngazo zonke iikota, bayo kuyigqiba yonke ikharityhulam yemathematika yonyaka. Siyathemba ukuba le misebenzi ilapha iya kuba yindlela enoyolo yokubanceda ekufumaneni ulwazi lwemathematika olusisiseko.

Ukuqala kosuku ngalunye olutsha kuboniswe ngebhanile eluhlaza.



Ngezantsi kwebhanile kukho iflowutshathi eshwankathela ukulandeletana kwemisebenzi yolo suku.



Izibalo zentloko ziya kuba ngumsebenzi wokuqala yonke imihla. Lo msebenzi uya kukhokelwa ngutitshala.

Onke amanye amaphepha asencwadini alungiselelwe abafundi ukuba basebenzele kuwo ngokunokwabo okanye ngokwamaqela kodwa behokelwa kwaye bencediswa ngutitshala. La maphepha ingangamaphepha okusebenzela okanye imidlalo eyenzelwe ukubethelela isigama esifundiswe ngolo suku. Imidlalo iboniswe ngokusebenzisa iikhathuni okanye oopopayi ukubonisa indlela omawudlalwe ngayo umdlalo.

- 2 Bonisa inani ngokusebenzisa amachokoza, izinti zokubala, iisimboli kunye namagama.

Show the number using dots, tallies, symbols and words.

			6
			thandathu six

Yonke imiyalelo neenkukacha zinikwe ngesiXhosa nangenguqulelo yesiNgesi ngezantsi.

Amaphepha emisebenzi yomfundu anemizekelo esele yensiwe (iboniswa ngombala ongwevu nangeenisile ebomvu).

Usuku Iwesi-5 Iweveki nganye lulungiselelwe uqukaniso novavanyo.

## Using the Bala Wande Learner Activity Book

This Learner Activity Book has activities planned for 50 days of teaching in Term 1. There are concept development activities, individual learner activities and games for learners to play in pairs and groups. Answers to the activities can be written in this book.


The material is presented using a bilingual format. We hope that presenting the activities in two languages will help learners to become familiar with maths words in both their home language and in English. This will equip them for lifelong learning of maths.

If learners work systematically through these workbook-style activities every day and every term, they will cover the whole maths curriculum for the year. We hope that these activities will be a fun way to help them acquire foundational maths knowledge.

The start of each new day is shown with a green banner.



Underneath the banner is a flow diagram that summarises the sequence of activities for the day.




Mental Maths is the first activity every day. The teacher will lead this activity.

All the other pages in the book are for learners to work on independently or in groups with guidance and support from the teacher. They may be worksheets or games, for consolidation of the concepts covered that day. Games are presented using cartoons of learners to show how the game should be played.

- 2 Bonisa inani ngokusebenzisa amachokoza, izinti zokubala, iisimboli kunye namagama.

Show the number using dots, tallys, symbols and words.



All instructions and information are given in isiXhosa with an English translation below.

Learner worksheets have a worked example (indicated by the grey background and the red pencil).

Day 5 of each week is planned for consolidation and assessment.

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

AMAKHADI AMACHOKOZA  
IIBHONDI ZAMANANI  
DOT CARDS NUMBER BONDS

UMDLALO  
GAME

UPHUHLISO  
LWENGQIQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

## Umdlalo: Bala

Game: Tally

- Utitshala wakho uza kubiza inani eliphakathi ko-0 nama-20.  
Your teacher will call out a number between 0 and 20.
- Sebenzisa isikhewu esingasezantsi ukuze ubonise elo nani usebenzise izinti zokubala.  
Use the space below to show the number using tallies.
- Xa isikhewu sizele, qhubeka ngokusebenzisa incwadi yakho yemisebenzi.

When the space is full,  
continue using your  
classwork book.

	2
	3
	4
	5
	$5 + 5 = 10$



8



Imigca emine emileyo kunye nomgca omnye onqamlezye. Yimigca emi-5.

Four lines standing and one line crossing. That is 5 lines.

||||



--	--	--	--


## I Bala.

Tally.

15		12		9	
14		16		20	


- 2 Bonisa inani ngokusebenzisa amachokoza, izinti zokubala, iisimboli kunye namagama.

Show the number using dots, tallies, symbols and words.

	 	
	 6	
thandathu six		

		
	 8	

		
	 10	

		
	 9	

		
	 4	



USUKU 2 • DAY 2

## Imigcamananani

### Number lines

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

AMAKHADI AMACHOKOZA  
IIBHONDI ZAMANANI  
DOT CARDS NUMBER BONDS







UMDLALO  
GAME

UPHUHLISO  
LWENGQIQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

### I Bhala amanani ashiyiwego.

Fill in the missing numbers.



## 2 Dibanisa kumgcamanani.


Add on the number line.

Inani elingaphezulu  
ngo-l kunesi-4 sisi-5. Iisi-5  
singaphezulu ngo-l kunesi-4.  
Iisi-5 siza emva kwesi-4.

One more than 4 is 5. 5 is bigger  
than 4 by 1. 5 comes after 4.



$4 + 1 = \underline{5}$



$7 + 1 = \underline{\quad}$



## 3 Thabatha kumgcamanani.

Subtract on the number line.




Inani elingaphantsi  
ngo-l kune-8 sisi-7. Iisi-7  
singaphantsi ngo-l kunesi-8.  
Iisi-7 siza phambi kwesi-8.

One less than 8 is 7. 7 is smaller  
than 8 by 1. 7 comes before 8.

$8 - 1 = \underline{7}$



$10 - 1 = \underline{\quad}$



## 4 Bhala inani elingaphezulu ngononye.

Write one more.

7	8
---	---



5	
---	--

10	
----	--

9	
---	--

19	
----	--

0	
---	--

## 5 Bhala inani elingaphantsi ngononye.

Write one less.

6	5
---	---



20	
----	--



11	
----	--



10	
----	--

18	
----	--

8	
---	--

# Ukusuka kwelona lincinci uye kwelona likhulu

Smallest to biggest

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

AMAKHADI AMACHOKOZA  
IIBHONDI ZAMANANI  
DOT CARDS NUMBER BONDS



UMDLALO  
GAME

UPHHLISO  
LWENGQIQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

## 1 Bhala amanani ashayiweyo.

Fill in the missing numbers.




## 2 Gqibezela ngokubhala <, > okanye =.

Complete by writing <, > or =.

 20 <u>&gt;</u> 2	10 <u>  </u> 5
15 <u>  </u> 5	22 <u>  </u> 12
15 <u>  </u> 25	10 <u>  </u> 10

5 > 2      U-5 mkhulu kuno-2.  
5 is bigger than 2.  
2 is smaller than 5.  
  
U-2 mncinci kuno-5.  
2 is smaller than 5.  
5 is bigger than 2.



Ingwenya  
iyakhamisa ukuze  
itye inani elikhulu!  
The crocodile always  
opens his mouth  
to eat the bigger  
number!

## 3 Cwangcisa amanani aqale kwelona lincinci ukuya kwelona likhulu.

Order numbers from smallest to biggest.

 12    2    20	8    20    18	17    23    13
2    12    20	_____	_____

## 4 Cwangcisa amanani aqale kwelona likhulu ukuya kwelona lincinci.

Order numbers from biggest to smallest.

 10    19    7    9	14    26    11    6	20    14    8    18
19    10    9    7	_____	_____

## Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo namakhadi - cwangcisa

Game: Fast maths with cards – order

- Xuba amakhadi aqala ku-0 ukuya kuma-20.

Mix cards from 0 to 20.

- Wabeke apakishane.

Place in a pile.

- Veza amakhadi amathathu.

Flip up three cards.

- Wacwangcise aqale ngelona lincinci ukuya kwelona likhulu.

Order from smallest to biggest.



5

ULulo uphethe iilitha ezili-15 zamanzi.  
UNeo uphethe iilitha ezili-12 zamanzi.

Ngubani ophethe amanzi amaninzi? \_\_\_\_\_

Maninzi kangakanani? \_\_\_\_\_

Lulo carries 15 litres of water.

Neo carries 12 litres of water.

Who carries more water? \_\_\_\_\_

How much more? \_\_\_\_\_

Ikati inobunzima obuziikhilogram ezi-5.  
Inja encinci inobunzima obuziikhilogram ezili-10.

Sesiphi isilwanyana esinzima kakhulu? \_\_\_\_\_

Sinzima ngaphezulu kangakanani? \_\_\_\_\_

The cat weighs 5 kilograms.

The small dog weighs 10 kilograms.

Which animal weighs more? \_\_\_\_\_

How much more? \_\_\_\_\_

6 Gqibezenza iipatheni zamanani.

Complete the number patterns.

3	4	5	6	7	8
10	9				5
22	21				

15	16				
14	13				
18	19				

7 Biyela ngesangqa ingqekembe ebonisa imali eninzi.

Circle the coin that shows more money.




IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHSAMAKHADI AMACHOKOZA  
IIBHONDI ZAMANANI  
DOT CARDS NUMBER BONDSUMDLALO  
GAMEUPHUHLISO  
LWENGQIQO  
CONCEPT DEVELOPMENTAMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETSumdundu o-1  
1 hotdogihafu  
halfihafu  
halfisonka esimnandi esi-1  
1 sandwichihafu  
halfichokoza eli-1  
1 dotihafu  
halfihafu  
half

- 1** Yabela abantwana aba-2 ngokulinganayo. Krwela umgca. Fakela umbala kwisiqingatha.


Share equally between 2 children. Draw a line. Colour half.

Ndahlula into ibe ngamacala alinganayo ama-2. Umntwana ngamnye ufumana ihafu.  
I cut into 2 equal parts. Each child gets half.



- 2** Bonisa iihafu ezi-2 ngeendlela ezimbini ezahlukileyo.

Show 2 halves in two different ways.




- 3** Ndahlula ipitsa e-1 phakathi kwabantwana aba-2 ngokulinganayo. Ufumana ipitsa engakanani umntwana ngamnye? ihafu






I share 1 pizza equally between 2 children. How much pizza does each child get? halfNdahlula itshokolethi e-1 ngokulinganayo phakathi kwabantwana aba-2. Ufumana itshokolethi engakanani umntwana ngamnye? \_\_\_\_\_I share 1 chocolate equally between 2 children. How much chocolate does each child get? \_\_\_\_\_Ndahlula ilofu yesonka ngokulinganayo phakathi kwabantwana aba-2. Ufumana isonka esingakanani umntwana ngamnye? \_\_\_\_\_I share 1 loaf of bread equally between 2 children. How much bread does each child get? \_\_\_\_\_

Ngubani ixesha?


What is the time?



Yintsimbi yoku-1  
1 o'clock



Usuku olunye luneeyure  
ezingama-24.



Ubuso bewotshi  
busibonisa iiyure  
ezili-12.

Iwotshi inamasiba  
ama-2.

There are 24 hours in one day.

A clock face shows us 12 hours.

A clock has 2 hands.

Usiba olufutshane lwalatha  
kwiyure yolo suku.



The short hand points to the hour of the day.


Usiba olude lwalatha kwimizuzu.

The long hand points to the minutes.

Usiba lwemizuzu  
lujikeleza iwotshi  
ngazo zonke iiyure.

Kukho imizuzu  
engama-60  
kwiyure enye.

The minute hand goes  
around the clock every hour.  
There are 60 minutes in an hour.



Ama-30 sisiqingatha sama-60. Xa usiba  
lwemizuzu lusalatha ku-6, sithi ixesha  
'licala emva'.

30 is half of 60. When the minute hand points to the 6, we say  
'half past'.

Xa usiba lweyure lumi ku-4 luze usiba  
lwemizuzu lube ku-6, sithi ixesha 'licala  
emva kweyesi-4'. Sibhalo ngolu hlubo 4:30.

When the hour hand is on the 4 and the minute hand is on the 6,  
we say, 'half past 4'. We write 4:30.

IPHEPHA LOKUSEBENZELA  
WORKSHEET

IPHEPHA LOKUSEBENZELA  
WORKSHEET

## Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:

dibanisa

thabatha

dibanisa ibe nye

thabatha ibe nye

thelekisa

inkomo inkulu kuneekati

ikati incinci kuneenkomo

isine singaphezulu kunesithathu

isithathu singaphantsi kunesine

In English we say:

add

take away

add one

take away one

compare

the cow is bigger than the cat

the cat is smaller than the cow

four is more than three

three is less than four



### 1 Bala.

Tally.

16	
----	--

### Bala.

Calculate.

$14 + 1 = \underline{\quad}$	$20 - 1 = \underline{\quad}$
------------------------------	------------------------------

### 2 Cwangcisa amanani uqale ngelona lincinci uye kwelona likhulu.

Order the numbers from smallest to largest.

13	6	9
_____	_____	_____
12	20	19
_____	_____	_____

### 3 Bhala elingaphantsi ngononye.

Write one less.

20	
----	--


Bhala elingaphezulu ngononye.

Write one more.

12	
----	--

### 4 Bhala amanani ashiyiwego.

Fill in the missing numbers.



## 5 Gqibezela iipatheni zamanani.

Complete the number patterns.

23	22				18
14	13				9
7	8	9			

16	17				
8	9				
28	29				

## 6 Dibanisa okanye uthabathe.

Add or subtract.

$19 + 1 = \underline{\quad}$	$20 - 1 = \underline{\quad}$	$15 - 1 = \underline{\quad}$	$10 + 1 = \underline{\quad}$
$8 - 1 = \underline{\quad}$	$20 + 1 = \underline{\quad}$	$18 - 1 = \underline{\quad}$	$10 - 1 = \underline{\quad}$



## 7 Cwangcisa amanani uqale ngelona likhulu uye kwelona lincinci.

Order the numbers from largest to smallest.

15    8    19    9	19    16    26    6	15    3    13    5
_____	_____	_____

## 8 Bhala amanani ashayiwego.

Fill in the missing numbers.



## 9 Gqibezela ngokubhala <, > okanye =.

Complete by writing <, > or =.

8 <u>     </u> 5	20 <u>     </u> 12	2 <u>     </u> 20
12 <u>     </u> 18	15 <u>     </u> 15	8 <u>     </u> 18

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

YAKHA  
NGEEBLOKO  
BUILD WITH BLOCKS

UMDLALO  
GAME

UPHUHLISO  
LWENGQIQQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS


### Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo ngamakhadi - ezi-2 ngaphezulu

Game: Fast maths with cards – 2 more

- Dlala nomhlolo wakho.  
Play with a friend.
- Xuba amakhadi asuka ku-0 ukuya kwi-10.  
Mix cards from 0 to 10. Put in a pile.
- Guqula ikhadi elinye.  
Flip one card.
- Dibanisa zibe-2.  
Add 2.
- Yenza njalo ngesicuku sonke.  
Work through the pile.
- Phinda kwakhona. Khawulezisa!  
Do it again. Faster!




Xa siphinda kabini,  
siphinda inani  
amaxesha ama-2.  
When we double,  
we repeat a  
number 2 times.



I

#### Phinda kabini ezi-4

Double 4



Isi-4 esiphindwe kabini senza 8.

Double 4 is 8.

$$4 + 4 = \underline{8}$$

$$4 \times 2 = \underline{8}$$

Kukho izi-4 ezibini kwisi-8.

There are two 4s in 8.

#### Phinda kabini ezi-3

Double 3



Isi-3 esiphindwe kabini senza 6.

Double 3 is 6.

$$3 + 3 = \underline{6}$$


$$3 \times 2 = \underline{6}$$

Kukho izi-3 ezibini kwisi-6.

There are two 3s in 6.

#### Phinda kabini ezi-5

Double 5



Isi-5 esiphindwe kabini senza 10.

Double 5 is 10.

$$5 + 5 = \underline{10}$$

$$5 \times 2 = \underline{10}$$

Kukho izi-5 ezibini kwi-10.

There are two 5s in 10.

2



Zingaphi iibhayisekile?

How many bicycles?

Mangaphi amavili?

How many wheels?

3

iibhayisekile  
bicycles

1

2

3

4

5

6

7

8

9

10

amavili  
wheels

2



4

4




Zingaphi iingqekembe?

How many coins?

Zingaphi iirandi?


How many Rands?

Krwela umgca phantsi  
kwenani lokuqala. Biyela  
ngesangqa impendulo.Underline the first number.  
Circle the answer.


5 Thabatha kumgcamanani.

Subtract on the number line.


$17 - 2 = \underline{15}$



$11 - 2 = \underline{\quad}$



$10 - 2 = \underline{\quad}$



6 Bala ngezi-2 uqale ku-2. Fakela umbala kumtsi ngamnye.

Count in 2s starting from 2. Colour each jump.

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17	18	19	20

## Ukubala ngezi-3

Counting in 3s

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

YAKHA  
NGEEBLOKO  
BUILD WITH BLOCKS

UMDLALO  
GAME

UPHUHLISO  
LWENGQIQQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

### 1 Bala uye phambili ngezi-3.

Count forwards in 3s.

3	6	9									
---	---	---	---	--	--	--	--	--	--	--	--

### 2



Zingaphi iimbiza?

How many pots?

Mingaphi imilenze?

How many legs?

### 3




iimbiza  
pots

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
---	---	---	---	---	---	---	---	---	----

imilenze  
legs

3	6								
---	---	---	--	--	--	--	--	--	--

### 4



Bangaphi oonxantathu?

How many triangles?

Mangaphi amacala?

How many sides?

### 5

Ukukhwela itekisi kuxabisa i-R3.


Iza kubiza malini ngabantu aba-2?

The taxi ride costs R3. How much does it cost for 2 people?



Ngubani ixesha?

What is the time?




Ukukhwela itekisi kuxabisa i-R3.

Iza kubiza malini ngabantu aba-3?

The taxi ride costs R3. How much does it cost for 3 people?

Singathatha  
isiqingatha sesi-3.  
Jongal!

We can take half  
of 3. Check it out!



7

amachokoza ama-3

3 dots



yahlula  
kubini

half

yahlula  
kubini

half

imidundu emi-3

3 hotdogs



yahlula  
kubini

half

yahlula  
kubini

half

Ufumana  
imidundu  
emingaphi  
umfund  
ngamnye?

How many hotdogs  
does each learner  
get?

\_\_\_\_\_


8

Dibanisa okanye  
uthabathe kumgcamanani.


Add or subtract on the number line.

Krwela umgca phantsi  
kwenani lokuqala. Biyela  
ngesangqa impendulo.


Underline the first number.  
Circle the answer.




$17 + 3 = \underline{20}$



$11 - 3 = \underline{\quad}$



$9 + 3 = \underline{\quad}$



q Fakela inani elishiyiwego.

Fill in the missing numbers.

1	2	3	4	5		7	8		10
11		13	14		16	17		19	20
	22	23		25	26		28	29	

## Ukubala ngezi-4

Counting in 4s

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS


YAKHA  
NGEEBLOKO  
BUILD WITH BLOCKS

UMDLALO  
GAME

UPHUHLISO  
LWENGQIQQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

1




Zingaphi iimoto?

How many cars?

Mangaphi amavili?

How many wheels?

2




Mangaphi  
amahashe?

How many horses?

Mingaphi imilenze?

How many legs?

3



Zingaphi izikwere?

How many squares?

Mangaphi amacala?

How many sides?

4

Ukukhwela itekisi  
kuxabisa i-R4.




Baza kubhatala

malini abahlolo aba-2  
xa behkwele itekisi?

The taxi ride costs R4. How much does it cost for 2 friends to ride the taxi?

5 Ngubani ixesha?

What is the time?




U-Emihle une-R10.

Ubhatala i-R4 eteksini.

Yimalini itshintshi  
ayifumanayo?

Emihle has R10. She pays R4 to ride the taxi. How much change does she get?



6

amachokoza ama-4

4 dots

yahlula  
kubini



half

yahlula  
kubini

half

imidundu emi-4

4 hotdogs

yahlula  
kubini

half

yahlula  
kubini


half

Ufumana  
imidundu  
emingaphi  
umfundzi  
ngamnye?How many hotdogs  
does each learner  
get?  
\_\_\_\_\_


7

Dibanisa okanye  
uthabathe kumgcamanani.


Add or subtract on the number line.

Krwela umgca phantsi  
kwenani lokuqala. Biyela  
ngesangqa impendulo.Underline the first number.  
Circle the answer.


$$6 + 4 = \underline{10}$$



$$20 - 4 = \underline{\quad}$$



$$8 + 4 = \underline{\quad}$$



8

Fakela inani elishiyiwego.

Fill in the missing numbers.



1	2	3	4	5	6	7		9	10
11	12	13		15	16	17		19	20
21	22	23		25	26	27		29	30
31	32	33		35	36	37		39	40

## Ukubala ngezi-5

Counting in 5s

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

YAKHA  
NGEEBLOKO  
BUILD WITH BLOCKS

UMDLALO  
GAME

UPHUHLISO  
LWENGQIQQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

### 1 Bala uye phambili ngezi-5.

Count forwards in 5s.


5	10	15			
25	30				
15	20				

### 2 Bala ubuye umva ngezi-5.

Count backwards in 5s.

50	45	40			
35	30				
25	20				

3



Zingaphi izandla?

How many hands?

Mingaphi iminwe?

How many fingers?

4



izandla ezi-  
hands

1

2

3

4

5

6

7

8

9

10

iminwe e-  
fingers

5

10

5



Zingaphi iingqekembe?

How many coins?

Zingaphi iirandi?

How many Rands?

6



iingqekembe  
ezi-  
coins

1

2

3

4

5

6

7

8

9

10


iirandi ezi-  
Rands

5

10

Krwela umgca phantsi  
kwenani lokuqala. Biyela  
ngesangqa impendulo.

Underline the first number.  
Circle the answer.



## 7 Dibanisa okanye uthabathe kumgcamanani.

Add or subtract using the number line.

$$6 + 5 = \underline{\quad}$$

$$12 - 5 = \underline{\quad}$$

## 8 Bala ngezi-5 uqale kwisi-5. Fakela umbala kwizi-5.

Count in 5s starting at 5. Colour the 5s.

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17	18	19	20
21	22	23	24	25	26	27	28	29	30
31	32	33	34	35	36	37	38	39	40
41	42	43	44	45	46	47	48	49	50

q

Ipakethe yeswekile inobunzima obuziikhilogram ezi-5.  
Zinobunzima obungakanani iipakethe ezi-3?

A pack of sugar weighs 5 kilograms. How much do 3 bags of sugar weigh?



Ibhakethe lamanzi lithatha iilitha ezi-5. Amabhakethe  
ama-4 aza kuthatha iilitha ezingaphi?

A bucket carries 5 litres. How many litres do 4 buckets carry?



IPHEPHA LOKUSEBENZELA  
WORKSHEET

IPHEPHA LOKUSEBENZELA  
WORKSHEET

## Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:

bala uye phambili

bala ubuye umva

bala ngezi-2 uye phambili

bala ngezi-2 ubuye umva

cwangcisa

isine singaphezulu kunesithathu

isithathu singaphantsi kunesine

isine siza emva kwesithathu

isithathu siza phambi kwesine

In English we say:

count forwards

count backwards

count forwards by 2

count backwards by 2

order

four is more than three

three is less than four

four comes after three

three comes before four



### 1 Gqibezela iipatheni zamanani.

Complete the number patterns.

3	6	9						
---	---	---	--	--	--	--	--	--

4	8	12						
---	---	----	--	--	--	--	--	--

### 2 Isiqingatha se-

Half of

Phinda kabini

Double

2		3		3		5	
4		5		4		2	


3

	Zingaphi iibhayisekile? How many bicycles?	
	Mangaphi amavili? How many wheels?	

4

										
iibhayisekile ezi- bicycles	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
amavili ma- wheels										

5

	Zingaphi izandla? How many hands?	
	Mingaphi iminwe? How many fingers?	

6

										
izandla ezi- hands	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
iminwe e- fingers										



USUKU 1 • DAY 1


**Ukucazulula isi-6**

Breaking down 6

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHSUKUBALA  
OKUQAKATHAYO  
SKIP COUNTINGIMIDLALO  
GAMESUPHULISO  
LWENGQIYO  
CONCEPT DEVELOPMENTAMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS**Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo ngedayisi - yenza isi-6**

Game: Fast maths with dice – make 6

- Dlala idayisi.  
Roll the dice.
- Kufuneka ezingaphi ukwenza isi-6?  
How many more to make 6?
- Phinda kwakhona.  
Khawuleza!  
Do it again. Faster!



Namhlanje siza kuqalisa ukudlala ngeebloko.  
Today we start playing with blocks.

**Umdlalo: Cazulula isi-6!**

Game: Break 6!

- Yenza incochoyi ngeebloko ezi-6.  
Make a tower with 6 blocks.
- Yahlula incochoyi ibe zizahlulo ezi-2.  
Break the tower into 2 parts.
- Xa ujidibana cinga ngesivakalisi manani sokudibana.  
As you put it together, think about an addition number sentence.
- Bhala isivakalisi manani sokudibana.  
Write the addition number sentence.



ezi-4 nezi-2 zenza ezi-6  
4 and 2 is 6  
 $4 + 2 = 6$

**1 Yahlula incochoyi yesi-6. Bhala isivakalisi manani sokudibana.**

Break the 6 tower. Write addition number sentences.



$$4 + 2 = 6$$


**2 Dibanisa okanye uthabathe ukuze ufumane inani elingekhoyo.**

Add or subtract to find the missing number.

$3 + \underline{\quad} = 6$	$4 + \underline{\quad} = 6$	$1 + \underline{\quad} = 6$
-----------------------------	-----------------------------	-----------------------------

### 3 Bala ngezi-6 uqale kwisi-6. Fakela umbala kwizi-6.

Count in 6s starting at 6. Colour the 6s.




$$6 \times 10 = 60$$

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17	18	19	20
21	22	23	24	25	26	27	28	29	30
31	32	33	34	35	36	37	38	39	40
41	42	43	44	45	46	47	48	49	50
51	52	53	54	55	56	57	58	59	60

### 4 Bhala inani elikwichokoza.

Write the number at the dot.



### 5 UMusa unamapetyu ama-6. Amapetyu kaIna aphindwe kabini. Mangaphi amapetyu anawo uIna?

Musa has 6 marbles. Ina has double. How many marbles does Ina have?





### UXola unamapetyu ali-10. Ama-6 azuba. Ashiyekileyo aluhlaza. Mangaphi amapetyu aluhlaza?

Xola has 10 marbles. 6 are blue. The rest are green. How many green marbles does he have?



### 6 Ngubani ixesha?

What is the time?





USUKU 2 • DAY 2

**Ukucazulula isi-7**

Breaking down 7

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHSUKUBALA  
OKUQAKATHAYO AMA-10  
SKIP COUNTING IN 10S (0-100)IMIDLALO  
GAMESUPHULISO  
LWENGQIQQO  
CONCEPT DEVELOPMENTAMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS**Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo ngedayisi - yenza isi-7**

Game: Fast maths with dice – make 7


- Phosa idayisi.**  
Roll the dice.
- Kufuneka ezingaphi ngaphezulu ukwenza isi-7?**  
How many more to make 7?
- Phinda kwakhona. Khawulezisa!**  
Do it again. Faster!

$$2 + \underline{\quad} = 7?$$

**Umdlalo: Cazulula isi-7!**

Game: Break 7!

- Yenza incochoyi ngeebloko ezisi-7.**  
Make a tower with 7 blocks.
- Yahlula incochoyi kabini.**  
Break the tower into 2 parts.
- Xa ujidibanisa kwakhona,  
cinga ngesivakalisi manani sokudibanisa.**  
As you put it back together, think about an addition sentence.
- Bhala izivakalisi manani zokudibanisa ezi-2.**  
Write 2 addition number sentences.

**1 Yahlula incochoyi yesi-7. Bhala izivakalisi manani zokudibanisa.**

Break the 7 tower. Write addition number sentences.

 $4 + 3 = 7$		
$3 + 4 = 7$		

**2 Dibanisa okanye uthabathe.**

Add or subtract.

$3 + 4 = \underline{\quad}$	$5 + 2 = \underline{\quad}$	$4 + 3 = \underline{\quad}$	$2 + 5 = \underline{\quad}$
$7 - 3 = \underline{\quad}$	$7 - 5 = \underline{\quad}$	$7 - 4 = \underline{\quad}$	$7 - 2 = \underline{\quad}$

### 3 Bala ngezi-7 uqale kwisi-7. Fakela umbala kwizi-7.

Count in 7s starting at 7. Colour the 7s.




$$7 \times 10 = 70$$

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17	18	19	20
21	22	23	24	25	26	27	28	29	30
31	32	33	34	35	36	37	38	39	40
41	42	43	44	45	46	47	48	49	50
51	52	53	54	55	56	57	58	59	60
61	62	63	64	65	66	67	68	69	70

### 4 Bhala inani elikwichokoza.

Write the number at the dot.



### 5 Kubiza i-R7 ukuya edolphini. Kuyimalini ukuya nokubuya edolphini?

It costs R7 to get to town. How much does it cost to travel to town and back?





### USithe une-R20. Uthenga iapile le-R7. Yimalini itsintshi ayifumanayo?

Sithe has R20. He buys an apple for R7. How much change does he get?



### 6 Ngubani ixesha?

What is the time?



## Ukucazulula isi-8

Breaking down 8

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

UKUBALA  
OKUQAKATHAYO IZI-5  
SKIP COUNTING IN 5S (0-50)

IMIDLALO  
GAMES

UPHULISO  
LWENGQIYO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

### Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo ngedayisi - yenza isi-8

Game: Fast maths with dice - make 8

$$2 + \underline{\quad} = 8?$$

- Phosa idayisi.**  
Roll the dice.
- Kufuneka ezingaphi ngaphezulu ukwenza isi-8?**  
How many more to make 8?
- Phinda kwakhona. Khawulezisa!**  
Do it again. Faster!




6

### Umdlalo: Cazulula isi-8!

Game: Break 8!

Namhlanje siza kudlala ngeebloko kwakhona!  
Today we play with blocks again!

- Yenza incochoyi ngeebloko ezi-8.**  
Make a tower with 8 blocks.
- Yahlula incochoyi kabini.**  
Break the tower into 2 parts.
- Cinga ngesivakalisi manani sokuthabatha.**  
Think about a subtraction number sentence.
- Bhala isivakalisi manani sokuthabatha.**  
Write the subtraction number sentence.



Ndithatha ezi-5 kwezisi-8.  
I take away 5 from 8.

$$8 - 5 = 3$$

### 1 Yahlula incochoyi yesi-8. Bhala izivakalisi manani zokuthabatha.

Break the 8 tower. Write the subtraction number sentences.

$8 - 5 = 3$	$8 -$	$8 -$
$8 - 3 = 5$	$8 -$	$8 -$

### 2 Dibanisa okanye uthabathe.

Add or subtract.

$5 + 3 = \underline{\quad}$	$6 + 2 = \underline{\quad}$	$4 + 4 = \underline{\quad}$
$8 - 3 = \underline{\quad}$	$8 - 2 = \underline{\quad}$	$8 - 4 = \underline{\quad}$

### 3 Bala ngezi-8 uqale kwisi-8. Fakela umbala kwizi-8.

Count in 8s starting from 8. Colour the 8s.




$$8 \times 10 = 80$$

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17	18	19	20
21	22	23	24	25	26	27	28	29	30
31	32	33	34	35	36	37	38	39	40
41	42	43	44	45	46	47	48	49	50
51	52	53	54	55	56	57	58	59	60
61	62	63	64	65	66	67	68	69	70
71	72	73	74	75	76	77	78	79	80

### 4 Bhala inani elikwichokoza.

Write the number at the dot.



### 5 UAfikile une-R20. Uthenga iziqhamo ze-R8. Yimalini itshintshi ayifumanayo?

Afikile has R20. He buys fruit for R8. How much change does he get?





### Ukukhwela itekisi kuxabisa i-R8. Kuza kuxabisa malini xa kukhwele abantu aba-2?

The taxi ride costs R8. How much does it cost for 2 people to ride?



### 6 Ngubani ixesha?

What is the time?



## Ukucazulula i-9

Breaking down 9

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

UKUBALA  
OKUQAKATHAYO IZI-2  
SKIP COUNTING IN 2S (0-50)

IMIDLALO  
GAMES

UPHULISO  
LWENGQIQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

### Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo ngedayisi - yenza ezili-9

Game: Fast maths with dice – make 9

$$2 + \underline{\quad} = 9?$$

- Phosa idayisi.**  
Roll the dice.
- Zibe ngaphi ngaphezulu ukuze wenze i-9?**  
How many more to make 9?
- Phinda kwakhona. Khawulezisa!**  
Do it again. Faster!




### Umdlalo: Cazulula i-9!

Game: Break 9!

- Yenza incochoyi ngeebloko ezi-9.**  
Make a tower with 9 blocks.
- Yahlula incochoyi kabini.**  
Break the tower into 2 parts.
- Bhala izivakalisi manani zokuthabatha ezi-2.**  
Write 2 subtraction number sentences.

Ndithatha ezi-3 kwezili-9.  
I take away 3 from 9.  
 $9 - 3 = 6$

Ndithatha ezi-6 kwezili-9.  
I take away 6 from 9.  
 $9 - 6 = 3$



### 1 Yahlula incochoyi ye-9. Bhala izivakalisi manani zokuthabatha.

Break the 9 tower. Write the subtraction number sentences.

$9 - 6 = 3$	$9 -$	$9 -$
$9 - 3 = 6$	$9 -$	$9 -$

### 2 Dibanisa okanye uthabathe.

Add or subtract.

$9 - \underline{\quad} = \underline{\quad}$	$6 + 2 = \underline{\quad}$	$4 + 4 = \underline{\quad}$
$8 - \underline{\quad} = \underline{\quad}$	$8 - 2 = \underline{\quad}$	$8 - 4 = \underline{\quad}$

### 3 Bala ngezi-9 uqale kwisi-9. Fakela umbala kwizi-9.

Count in 9s starting from 9. Colour the 9s.




$$9 \times 10 = 90$$

1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
11	12	13	14	15	16	17	18	19	20
21	22	23	24	25	26	27	28	29	30
31	32	33	34	35	36	37	38	39	40
41	42	43	44	45	46	47	48	49	50
51	52	53	54	55	56	57	58	59	60
61	62	63	64	65	66	67	68	69	70
71	72	73	74	75	76	77	78	79	80
81	82	83	84	85	86	87	88	89	90

### 4 Bhala inani elikwichokoza.

Write the number at the dot.



### 5 Umdlalo wesoka uqale ngentsimbi ye-9 kusasa. Uphele ngentsimbi yeshumi kusasa. Ubumde kangakanani umdlalo?

The soccer game started at 9 in the morning. It ended at 10 in the morning.  
How long was the game?





Umdlalo webhola yomnyazi uqale nge-9:30 kusasa.  
Uphele nge-10:30 kusasa. Ubumde kangakanani umdlalo?

The netball game started at 9.30 in the morning. It ended at 10.30 in the morning.  
How long was the game?



### 6 Ngubani ixesha?

What is the time?



IPHEPHA LOKUSEBENZELA  
WORKSHEET

IPHEPHA LOKUSEBENZELA  
WORKSHEET

## Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:

ukudibanisa

dibanisa

dibanisa zibe mbini

ezine nezintlanu zenza ezilithoba

ukuthabatha

thabatha okanye susa

thabatha zibe mbini

kwezisibhozo thabatha zibe ntathu

kusala ezintlanu

zenza okanye zilingana

ziyafana ne-

In English we say:

addition

add

add two

four and five is nine

subtraction

take away

take away two

eight take away three is five

equal

is the same as



### 1 Gqibezela iipatheni zamanani.

Complete the number patterns.

70	69	68						
22	24	26						

### 2 Isiqingatha se-

Half of

Phinda kabini

Double

6		8		6		8	
4		10		4		10	


3

	Zingaphi iibhayisekile? How many bicycles?	
	Mangaphi amavili? How many wheels?	

4

	iibhayisekile ezi- bicycles	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
amavili ma- wheels											

5

	Zingaphi izandla? How many hands?	
	Mingaphi iminwe? How many fingers?	

6

	izandla ezi- hands	1	2	3	4	5	6	7	8	9	10
iminwe e- fingers											

## Ukucazulula i-10

Breaking down 10

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

FIZZ POP –  
DIBANISA 10  
FIZZ POP – ADD 10 (0-50)

IMIDLALO  
GAMES

UPHUHLISO  
LWENGQIQQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

### Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo ngedayisi - yenza i-10

Game: Fast maths with dice - make 10

$$2 + \underline{\quad} = 10?$$

- Phosa idayisi.**  
Roll the dice.
- Zibe ngaphi ngaphezulu ukwenza i-10?**  
How many more to make 10?
- Phinda kwakhona. Khawulezisa!**  
Do it again. Faster!



I

Zingaphi? How many?	Zibe ngaphi ukuze wenze i-10? How many to make 10?	Zingaphi? How many?
3	7	Zibe ngaphi ukuze wenze i-10? How many to make 10?
Zingaphi? How many?	Zibe ngaphi ukuze wenze i-10? How many to make 10?	Zingaphi? How many?
		Zibe ngaphi ukuze wenze i-10? How many to make 10?

### Umdlalo: Fumana ama-10

Game: Find the 10s

- Dlala nabahlobo aba-2.**  
Play with 2 friends.
- Phosa amadayisi ama-5.**  
Roll 5 dice.
- Fumana ama-10.**  
Find the 10s.
- Dibanisa isiphumo.**  
Add the total.

$$3 + 2 + 5 = 10$$

$$4 + 6 = 10$$

$$10 + 10 = 20$$



## 2 Itekisi kaTa' Jola ithwala abafundi abali-10.

10 learners can fit into Ta' Jola's taxi.



Kukho abafundi aba-2 etekisini. Kufuneka abafundi abangaphi ngaphezulu ukuze izale itekisi?

There are 2 learners in the taxi. How many more learners can get in before it is full?

$$10 - 2 = \underline{8}$$

Bekukho abafundi aba-2 etekisini. Kwafika abanye aba-4. Bangaphi abafundi abanokungena etekisini?

2 learners were in the taxi. 4 more get on. How many more learners can still fit in the taxi?

## 3 Biyela ama-10. Zingaphi zizonke?

Circle the 10s. What is the total?

	6 4	9 1	20	2 5	3 q	1		6 2	7 2	3 □
---	--------	--------	----	--------	--------	---	--	--------	--------	--------

## 4 Fumana i-10. Dibanisa emva koko.

Find the 10. Then add.



$6 + \cancel{7} + 4 = \underline{17}$	$8 + 7 + 2 = \underline{\quad}$	$7 + 6 + 3 = \underline{\quad}$
$5 + 8 + 5 = \underline{\quad}$	$6 + 8 + 4 = \underline{\quad}$	$9 + 5 + 1 = \underline{\quad}$
$6 + 9 + 4 = \underline{\quad}$	$7 + 2 + 1 + 5 = \underline{\quad}$	$7 + 5 + 3 = \underline{\quad}$

## 5 Biyela ama-10. Yimalini?

Circle the 10s. How much money?

	R11		

## 6 Itekisi kaTa' Jola ithwala abafundi abali-10.

Ta' Jola's taxi can take 10 learners.



Itekisi yakhe inesiqingatha senani. Bangaphi abafundi abasetekisini?

His taxi is half full. How many learners are in the taxi?

Itekisi inesiqingatha senani. Bangaphi abafundi abanokungena etekisini?

His taxi is half full. How many more learners can get in the taxi?

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

FIZZ POP –  
DIBANISA 10  
FIZZ POP – ADD 10 (0-50)

UMDLALO  
GAME

UPHUHLISO  
LWENGQIQQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

### Umdlalo: Cazulula i-10!

Game: Break 10!

- Yenza incochoyi ngeebloko ezili-10.  
Make a tower out of 10 blocks.
- Yahlula incochoyi ibe zizahlulo ezi-2.  
Break the tower into 2 parts.
- Bhala izivakalisi manani zokudibana ezi-2.  
Write 2 addition number sentences.
- Bhala izivakalisi manani zokuthabatha ezi-2.  
Write 2 subtraction number sentences.
- Phinda kwakhona!  
Do it again!

$7 + 3 = 10$   
 $3 + 7 = 10$

$10 - 3 = 7$   
 $10 - 7 = 3$



#### I Bhala izivakalisi manani.

Write the number sentences.



ezokudibana addition	ezokuthabatha subtraction
$7 + 3 = 10$	$10 - 3 = 7$
$3 + 7 = 10$	$10 - 7 = 3$

ezokudibana addition	ezokuthabatha subtraction

ezokudibana addition	ezokuthabatha subtraction

ezokudibana addition	ezokuthabatha subtraction

ezokudibana addition	ezokuthabatha subtraction

Xa ndizahlula zibe ngamaqhekeza amabini alinganayo, kukho isivakalisi manani sokudibana esinye nesivakalisi manani sokuthabatha esinye.


When I break into two equal pieces, there is only one addition number sentence and one subtraction number sentence.





Singohlula neliphi na inani libe ngamanani amancinci ama-2. Singawabhalo oma-3 la manani kwitheyibhile yamanani ngolu hlobo:

We can break any number into 2 smaller numbers. We can write the 3 numbers in a number table like this:



10	
7	3

## 2 Yenza i-10. Yahlule ibe zizahlulo ezibini. Gqibezele iitheyibhile zamanani.

Make 10s. Break them into two parts. Complete the number tables.













## 3 Bhala izivakalisi manani zokudibanisa ezi-2 nezivakalisi manani zokuthabatha ezi-2.

Write 2 addition and 2 subtraction number sentences.

Zi-4 izivakalisi manani esinokuzibhala.  
There are 4 number sentences we can write.




ezokudibanisa addition	ezokuthabatha subtraction

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

FIZZ POP –  
DIBANISA 10  
FIZZ POP – ADD 10 (0-50)

UMDLALO  
GAME

UPHUHLISO  
LWENGQIQO  
CONCEPT DEVELOPMENT


AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

Xa ndidibanisa ndiyazibuba, "Kukude kangakanani ukuya kwi-10 elilandelayo?"

When I add, I ask myself, "How far to the next 10?"

Kufuneka nditsibe ka-4 ukuya kwi-10!

I must jump 4 to get to 10!









I Ngubani i-10 elilandelayo?

What is the next 10?

6	10
4	
16	
14	

2 Kukude kangakanani kwi-10 elilandelayo?

How far to the next 10?






3 Fakela amanani ashiyekileyo.

Fill in the missing numbers.

$7 + \underline{\quad} = 10$	$6 + \underline{\quad} = 10$	$15 + \underline{\quad} = 20$	$16 + \underline{\quad} = 20$
$3 + \underline{\quad} = 10$	$2 + \underline{\quad} = 10$	$18 + \underline{\quad} = 20$	$14 + \underline{\quad} = 20$


## 4 Kukude kangakanani ukuya kwi-10 elilandelayo?

How far to the next 10?




## 5 Bhala inani elikwichokoza. Biyela i-10 elilandelayo. Kukude kangakanani ukuya kwi-10 elilandelayo?


Write the number at the dot. Circle the next 10. How far to the next 10?




i-10 elilandelayo next 10	10
kukude kangakanani? how far?	4



i-10 elilandelayo next 10	20
kukude kangakanani? how far?	3



i-10 elilandelayo next 10	
kukude kangakanani? how far?	



i-10 elilandelayo next 10	
kukude kangakanani? how far?	

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

FIZZ POP –  
DIBANISA 10  
FIZZ POP – ADD 10 (0-50)

UMDLALO  
GAME

UPHUHLISO  
LWENGQIQQO  
CONCEPT DEVELOPMENT


AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

Xa ndithabatha ndiyazibuba,  
"Kukude kangakanani kwi-10 elidlulileyo?"

When I subtract, I ask myself,  
"How far to the previous 10?"




Xa ndithabatha u-7 kwi-17, ndibuya  
umva ka-7 ukuze ndifike kwi-10!

When I subtract 7 from 17,  
I go back 7 spaces to get to 10!




## 1 Kukude kangakanani kwi-10 elidlulileyo?

How far to the previous 10?




## 2 Bhala inani elikwichokoza. Biyela i-10 elidlulileyo. Kukude kangakanani kwi-10 elidlulileyo?

Write the number at the dot. Circle the previous 10. How far to the previous 10?



i-10 elidlulileyo previous 10	10
kukude kangakanani? how far?	6



i-10 elidlulileyo previous 10	
kukude kangakanani? how far?	




## 3 Fakela amanani ashayiwego.

Fill in the missing numbers.

$15 - \underline{\quad} = 10$	$16 - \underline{\quad} = 10$	$22 - \underline{\quad} = 20$	$26 - \underline{\quad} = 20$
$12 - \underline{\quad} = 10$	$19 - \underline{\quad} = 10$	$24 - \underline{\quad} = 20$	$28 - \underline{\quad} = 20$



## 4 Kukude kangakanani kwi-10 elidlulileyo?

How far to the previous 10?




## 5 Bhala inani elikwichokoza. Biyela i-10 elidlulileyo. Kukude kangakanani kwi-10 elidlulileyo?

Write the number at the dot. Circle the previous 10. How far to the previous 10?



i-10 elidlulileyo previous 10	
kukude kangakanani? how far?	



i-10 elidlulileyo previous 10	
kukude kangakanani? how far?	

## 6 Itekisi kaTa' Jola ithatha abafundi abali-10.

Ta' Jola's taxi can fit 10 learners.



Le tekisi ayinamntu. Kukho abantu abali-14 esitopini.  
Bangaphi ekuza kufuneka balinde itekisi elandelayo?

The taxi is empty. There are 14 people at the stop. How many will have to wait for the next taxi?

IPHEPHA LOKUSEBENZELA  
WORKSHEETIPHEPHA LOKUSEBENZELA  
WORKSHEET

## Masithethe ngeMaths!

Let's talk Maths!

NgesiXhosa sithi:

ndiyawathanda ama-10!

funa ama-10!

mangaphi?

zingaphi ezenza i-10?

kukude kangakanani kwi-10 elilandelayo?

ukusuka kwisi-7 nditsiba ndiye phambili  
ka-3 ukuze ndifike kwi-10.

kukude kangakanani kwi-10 elidlulileyo?

ukusuka kwi-12, nditsiba ndibuye umva  
ka-2 ukuze ndifike kwi-10.

In English we say:

I love the 10s!

find the 10s!

how many?

how many to make 10?

how far to the next 10?

from 7, I jump forward 3 spaces  
to get to 10.

how far to the previous 10?

from 12, I jump backwards  
2 spaces to get to 10.



I Gqibezenza itheyibhile  
yamanani.

Complete the number tables.




Bhala izivakalisi manani ezi-2  
zokudibanisa nezi-2 zokuthabatha.

Write 2 addition and 2 subtraction number sentences.

ezokudibanisa addition	ezokuthabatha subtraction




ezokudibanisa addition	ezokuthabatha subtraction

## 2 Fumana i-10. Dibanisa emva koko.

Find the 10. Then add.



$8 + 7 + 2 = \underline{17}$	$7 + 6 + 3 = \underline{\quad}$	$5 + 8 + 5 = \underline{\quad}$
$6 + 8 + 4 = \underline{\quad}$	$9 + 5 + 1 = \underline{\quad}$	$7 + 3 + 5 = \underline{\quad}$
$4 + 5 + 6 = \underline{\quad}$	$1 + 8 + 9 = \underline{\quad}$	$3 + 7 + 2 = \underline{\quad}$
$2 + 8 + 5 = \underline{\quad}$	$4 + 6 + 9 = \underline{\quad}$	$5 + 1 + 5 = \underline{\quad}$

## 3 Gqibezela iipatheni zamanani.

Complete the number patterns.

83	82	81						
100	90	80						
57	58	59						
10	20	30						

## 4 Bala.

Calculate.



yahlula kubini half		phinda kabini double		sombulula solve
7	$3\frac{1}{2}$	7	14	$7 + \underline{3} = 10$
8		8		$5 + \underline{\quad} = 10$
9		9		$4 + \underline{\quad} = 10$
10		10		$2 + \underline{\quad} = 10$

IZIBALO  
ZENTLOKO  
MENTAL MATHS

UKUBALA  
OKUQAKATHAYO NGEZI-2  
SKIP COUNTING IN 2S (0-50)

IMIDLALO  
GAMES

UPHULISO  
LWENGQIQO  
CONCEPT DEVELOPMENT

AMAPHEPHA  
OKUSEBENZELA  
WORKSHEETS

### Umdlalo: Izibalo ezikhawulezayo ngamakhadi - ngaphantsi ngezi-2

Game: Fast maths with cards – 2 less

- Xuba amakhadi ukusuka ku-2–12. Wabeke abe sisicuku.  
Mix cards from 2–12. Put in a pile.
- Guqula ikhadi libe linye.  
Thabatha ezi-2.  
Flip one card. Subtract 2.
- Yenza njalo kwisicuku sonke.  
Work through pile.
- Phinda kwakhona. Khawulezisa!  
Do it again. Faster!



6



### Umdlalo: Ukudibanza ngokwenza i-10

Game: Add by making a 10

- Yakha amanani amabini usebenzisa iibloko.  
Build two numbers using blocks.
- Susa iibloko ukuze ugqibezele i-10.  
Move blocks to complete a 10.
- Qala nge-7.  
Start with 7.
- Hambisa iibloko ezi-3 ukusukela kwi-8 ukuze wenze i-10.  
Move 3 blocks from the 8 to make 10.
- Zenza i-10 nemivo emi-5. 15!  
That makes 10 and 5 ones. 15!

Siyekile ukubala ngoononye ngoku xa sidibanisa. Yenza i-10!

No more counting in ones when we add. Make a 10!

$$7 + 8$$



- I Sebenzisa iibloko ukuze wakhe inani ngalinye. Yaba iibloko ukuze wenze i-10.



Use blocks to build each number. Share blocks to make a 10.

$7 + 6 = \underline{\hspace{2cm}}$	$8 + 5 = \underline{\hspace{2cm}}$	$6 + 8 = \underline{\hspace{2cm}}$
$5 + 7 = \underline{\hspace{2cm}}$	$6 + 5 = \underline{\hspace{2cm}}$	$8 + 7 = \underline{\hspace{2cm}}$

$$7 + 8$$



Ndiqala ngesi-7.

I start with 7.





Ndidibanisa ezi-3 ukwenza i-10.

I add 3 to make a 10.



Ndidibanisa isi-5 ngaphezulu.

I add 5 more.



$$\begin{array}{r} \cancel{7} + 8 = \underline{15} \\ \cancel{10} \quad \cancel{3} \quad \cancel{5} \end{array}$$

$$10 + 5 = 15$$

## 2 Biyela i-10. Fakela amanani ashiyiweyo.



